Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2018

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ali-15.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO D: | Imibongo | (35) |

4. Landela imiyalelo esekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO ibe miBINI iyonke, umbuzo ngamNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI kula: A, B, no C.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula imibuzo kumabali omaBINI abuziweyo.

   ICANDELO C: IMIBONGO
   Phendula imibuzo ebuziweyo yomiBINI.

6. Sebenzisa uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwiCANDELO ngaliNYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

### ICANDELO A: INOVELI

**Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | *Vuleka Mhlaba* | 1 | 35 | 5–8 |

**OKANYE**

### ICANDELO B: IDRAMA

**Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo**.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 2. | *Idayimani icholwa eluthulini* | 2 | 35 | 9–12 |

**OKANYE**

### ICANDELO C: IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – N Gidi (Umhleli)

**Phendula imibuzo yomiBINI kweli Candelo**.

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 3. | Ixesha | 3.1 | 17 | 13–14 |
| 4. | Ukwidabi lobomi. | 3.2 | 18 | 14–15 |

## ULUHLU LOKUKHANGELA

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|---|
| A | INOVELI (Vuleka Mhlaba!) | 1 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| B | IDRAMA (Idayimani icholwa eluthulini) | 1 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| C | IMIBONGO (I-Afrika Entsha) | 2 | 2 | |

**QAPHELA:** Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, no C.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1

## VULEKA MHLABA : NCEDILE SAULE

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda isicatshulwa esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Naye umfo webhari ube ngathi uyayibona indoda enkulu ukuba inxubile, akayikhathaza nganto. Iqhube yasula iiglasi ngelaphu layo elimhlophe kuphela imana ukumthi krwaqu, ihoye lowo ungenayo ngaloo nto asukuba eyibiza.
"Uvile?" loo mbuzo wamtsho waphakamisa intloko uJolela. YayinguThandi ezilungiselela ukuhlala kwisitulo esisecaleni kwakhe. Ube ngathi uvuswe ebuthongweni uJola, watsho wakhweba ngoko nangoko.

"Ndivile ntoni?" yatsho into enkulu **ingatyhilekanga** okuya kokuqala. UThandi obezivelela emsebenzini wabe naye ekhathazwe zezakhe, zange ayiqaphele le nto kumnene. Nonobhari zange abanike thuba lakujongana kuba iiglasi wabe sele ezibeke phambi kwabo. Impendulo kaThandi yaya kuvela emva kokuba ekhe wathi kralakaqa elikhulu lona ithamo lebhiya.

"Ndiphume emsebenzini nokungena kukaBantu."

"Ungena eyokwenza ntoni esibhedlele, <u>okanye ke mhlawumbi uDora umshiyele omnye umntu?</u>"

"Hayi suka wena, uyawaza kuqala ezi zinto zakho," uthe thuzu thuzu kabini uJolela wabuya wamthi phuhlu ngamehlo agcwele imibuzo engathi ngawendubula wona.

"UBantu ungene ngestretsha," wothuka waxhuma uJolela yatsho yathi kratya ibhiya, wabe selungisa ukuhlala, etshintsha enye impundu ehlala ngenye.
"Uthi kutheni na apha kum? Utheni? Ulunywe nguNoziqhamo?"

Wamjonga ngokumangaliswa uThandi. Endaweni yokubona usizi okanye ukumangaliswa kovelwano, wabona imincili kuJolela. Into enkulu yatsho yamana igungqagungqa ukuhlala…

1.1.1 Xela igama ledolophu eyayikuyo iCassablanca Tavern. (1)

1.1.2 Chaza isiganeko esiqhubeke phambi koku kukwesi sicatshulwa. (2)

1.1.3 Yinyani okanye Bubuxoki? UThandi noJolela bangabantu abazanayo. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.4 Linika ngcinga ni igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

1.1.5 Tolika intetho kaJolela ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

1.1.6 Nika isizathu esasimbangela imincili uJolela akuva ngemeko kaBantu. (2)

1.1.7 Ukuvana kukaNoziqhamo noMphemba kwakubangela njani ukuba uBantu afune ukuzibulala? (2)

1.1.8 Chaza injongo yombhali ngokusizisela lo mlinganiswa unguSindiswa kweli bali. (2)

Matanisa umlinganiswa okuKHOLAM B kunye nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) "Ke ngoku mtshana, ubuyela eKapa? Uza kuthini?" | (i) UBantu |
| (b) "Gqwidi ngento enye nje mfazi, uhambe ungenzanga nelinye ilizwi …" | (ii) UJolela |
| (c) "Sela le drinki Dlamini iza kude ibe shushu." | (iii) UMatshaya |
| | (iv) Noziqhamo |

(3)

**[17]**

**KUNYE**

## 1.2 ISICATSHULWA B

“Umbulali lowo inokuba usathothoza etrongweni nangoku,” yadebeleza ingajonganga mntwini. Wangenelela uBantu ngokubuza ukuba inokuba yayiyintoni na isizathu sokubulawa ngumninimzi.

“Ikhona enye into? Kuthiwa yayilinxila loo mfo lowo. Wayenxila nale nkosikazi athe akudinwa yiyo wayibulala. Lo mfazi ndithenge kuye laa ndlu, ulazi ibali labaya bantu ukusuka ekuqaleni ukuya ekugqibeleni,” bajongana ngathi babona inkomo itshaya inqawa. Wathi thuzu thuzu uBantu akugqiba wanikina intloko.

Wayecuthe amehlo uNoziqhamo ebukele indoda yebala ivula isango. Uhlobo lweentyatyambo ezazikho yayiseloluya lwangaphambili. Kweli ilixa uBantu zange azibone eziya ntakana neziya nyosi zazihlangula. Zange alive neliya vumba laliqhole umoya. Wayesuke nje wayinto endunyu ndunyu yesidenge.

Qolokotho bangena endlwini. Kwakunuka ukungunda kweplanga. Yabahambisa indoda ibabonisa amagumbi ngamagumbi, yada yagqiba kungakhange kuthethe namnye kwesi sibini. Amehlo abo ayecokisa yonke into ubukhulu becala beba bangabona into nokuba yintoni na, tu cwaka, akwabikho nesuntswana eli lento ababenokuyidibanisa nomntu owakha wahlala apho ngaphambili.

Baphumela ngaphandle, bajonga-jonga inkundla le yonke; engayekanga umthengisi ethetha exhaphe amagwebu.
“Ngendandiyithengile le ndlu, kodwa ndoyiswa lixabiso, enye into inkulu kakhulu, andinawo amandla okuyisebenza,” kukho owakha wayihoya, njengokuba bobabini babethe nzoo amehlo kwinto yonke angqubana nayo.

1.2.1 Nika olona phawu lutyhilwa sesi sicatshulwa ngalo mfo webala. (1)

1.2.2 Cacisa isizathu sokuba le ntetho ilandelayo iqulathe ulwazi olungeyonyani.

UBantu noNoziqhamo babeneenjongo zokuyithenga le ndlu. (2)

1.2.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Uvakalelo lukaBantu oluvezwa kule nkcaza ‘Wathi thuzu thuzu uBantu akugqiba wanikina intloko lelokuba:

A wayedikiwe
B wayedanile.
C wayecaphuka.
D wayetyhafile. (1)

1.2.4 Ubaluleke ngantoni ebalini umxholwana okwesi sicatshulwa? (2)

1.2.5 Chaza indima edlalwe nguDlamini kweli bali. (2)

1.2.6 Ingaba uyavelana noBantu ngemeko akuyo? Xhasa uluvo lwakho. (2)

1.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

A UBantu uzirhaxisa ngomsi wemoto.
B UBantu undwendwela ingcwaba likaDora.
C UBantu uphuma ebaleka ecaweni.
D UBantu undwendwela uDlamini esibhedlele. (4)

1.2.8 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.9 Xela isenzo sobuntu esinokufundwa kulo mlinganiswa unguNoziqhamo. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO B

## UMBUZO 2

## IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI – ZAMA A. JAPHTA

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

(*Kusesikolweni semfundo ephakamileyo iLukhanyo. kusandula ukungena isikolo. Isekela-nqununu, uMnu. Ntsasa umi kwi-ofisi yenqununu bayancokola.)*

| | |
|---|---|
| Mnu. Ntsasa: | Injani impilo Mpinga? Ingathi uxakekile nje, ndinganceda? |
| Mnu. Cingo: | Sivukile akukho zintsha Zotsho. Mfondini kunjalo kanye. Ndibona ukuba mandide ndiyibhale le ncwadi yokumnqumamisa uGontsi. Noko kulithuba ndiyilindile le ntwana kaMfundisi. |
| Mnu Ntsasa: | Kunzima kona ukugxotha ititshala uyoxuthe isonka sayo. Kodwa Mpinga, unyamezele ngokwaneleyo kule meko yale ntwana yakwaGontsi. Noko **isazela sakho asinalo nelincinci ichaphaza.** |
| Mnu. Cingo: | Ndiyakuva Zotsho, kwaye unyanisile kona. Akukho cebo ndingalizamanga ukuguqula izinto ngakule ntwana. Naxa kunjalo akusokuze ude ungabi nathemba lokuba izinto azinakujika ibuyele ezingqondweni le ntwana. |
| Mnu. Ntsasa: | Musa ukuzihlupha ngezinto ezingenako ukuncedwa. Masicingele ikamva labantwana aba baphantsi kweliso nogcino lwethu. Akufuneki ukuba baphoswe sesabo nabo isonka ngenxa yenxila elohlulwa bubomi balo. |
| Mnu. Cingo: | Liyinyaniso elo Zotsho. Ikamva labantwana libaluleke ngaphezulu kwento yonke. Loo nto ke Zotsho, andazi nokuba ndingayifumana phi enye ititshala, kuba nonyaka sele uphakathi. |
| Mnu. Ntsasa: | Akukho nento le Mpinga. Kaloku ndikholo ukukuncedisa. Ndinayo <u>intwanazana engasivalayo esi sithuba</u> ngokukhawuleza, abantwana bangalahlekelwa lixesha kwakhona kwizifundo zabo. Kaloku unyaka wona uyahamba awulindanga le nto yale ntwana. |

2.1.1 Xela igama lendawo elalikuyo ikhaya lakwaGontsi. (1)

2.1.2 Chaza isiganeko esiqhubeke phambi koku kukwesi sicatshulwa. (2)

2.1.3 Yinyani okanye Bubuxoki? UNonkuthazo wayesebenza njengomongikazi kwisibhedlele saseMthatha. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.4 Inika ngcinga ni intetho ebhalwe ngqindilili kule ngxoxo? (1)

2.1.5 Tolika intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

2.1.6 Nika isizathu esasimbangela ukuba uMnu. Cingo angabinamandla okugxotha uMnu. Gontsi emsebenzini. (2)

2.1.7 Ukuvana kukaNonkuthazo noMaRhadebe kwambangela njani ukuba atshatwe nguMfanelo? (2)

2.1.8 Chaza injongo yombhali ngokusiphathela lo mlinganiswa unguSaziso kule drama. (2)

2.1.9 Matanisa umlinganiswa okuKHOLAM B kunye nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) "Suk'apha, Rhadi! Yititshala nje ngegama leya." | (i) UNomthombo. |
| (b) "Undibethela indoda engeyiyo neyakho. Inene uza kundazi." | (ii) USaziso. |
| (c) Andisoze ndiyamkele mna phakathi kwamasango kaBawo. Ndakumfaka imvubu ukumkhupha apha." | (iii) UMaNdaba. |
| | (iv) Solomzi |

(3)
**[17]**

**KUNYE**

## ISICATSHULWA D

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

(*Kusasa kwaGontsi, uSaziso wavuka nje walungisa waphangela. UMfanelo naye watya nje walungiselela ukuphinda indlela ahambe. Walile unina ukuba ahambe bengakhange baphinde bathethe. Umbizele kwelakhe igumbi kusasa njalo*.)

| | |
|---|---|
| Nkskz. Gontsi: | Thatha naso isitulo uhlale Mfanelo. Noko awunako ukusele uhamba olo hlobo kaloku. Kukokwenu apha Mfanelo kwaye ke khehle akugxothwa. |
| Mfanelo: | (*Ekrikriza*) Hayi mama anditsho ukuba ndigxothiwe, koko ndisukela ukuya kulungiselela umsebenzi. |
| Nkskz. Gontsi: | Ndiyayivuyela loo nto mntwanam, kodwa ke kungoMgqibelo namhlanje, lusekhona nolwangomso usuku. Umntu akasele edlula olo hlobo xa agodukileyo. |
| Mfanelo: | (*Esentshingintshing*i) Ndiyavuya mama, kodwa izinto ezihambayo ziyanqaba ngeCawe apha. |
| Nkskz. Gontsi: | Uya kusele uthatha ezasemvakwemini namhlanje Mphankomo. Kodwa okwangoku masibe siqhubeka ngale yaphezolo. Mfanelo uze undiphulaphule kakuhle mntwanam. Xa sisithi kuwe lo mntu uthandana naye akakufanele, asikuko ukuba uyasela nje kuphela koko kaloku xa uthandana nomntu unenjongo ngaye kuyafuneka ukuba abe uyamkelwa nangabantu ophuma kubo. Hayi into yokuba wonele nguye wena akunalo ithuba lethethwa sithi into. Kwa ... |
| Mfanelo: | Mama nini apha ekhaya abangamniki thuba lokukhe nimbone nize nimfunde uNonkuthazo. Nithathe izigqibo kwizinto enizivileyo hayi enizibonileyo. |
| Nkskz. Gontsi: | Mfanelo, ingwe idla ngamabala, mntwanam. Ukuba ungathi uza naye apha kuthi lo-lo mntu wakho uya kuzifihla eyona nto ayiyo. |

2.2.1 Nika olona phawu lutyhilwa sesi sicatshulwa ngoMfanelo. (1)

2.2.2 Cacisa isizathu sokuba le ntetho ilandelayo iqulathe ulwazi olungeyonyani.

UMfanelo wohlukana nenkosikazi yakhe yokuqala ngenxa yokuba yayingafundanga kuyaphi. (2)

2.2.3 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwezi zingezantsi. Enye yeenkcukacha ezifumaneka kwizalathisi zeqonga ezikwesi sicatshulwa:

A yingxoxo yabalinganiswa.
B ludidi lwabalinganiswa.
C yintshukumo yabalinganiswa.
D luvakalelo lwabalinganiswa. (1)

2.2.4 Ubaluleke ngantoni ebalini umxholwana okwesi sicatshulwa? (2)

2.2.5 Chaza indima edlalwe nguNomthombo kule drama. (2)

2.2.6 Ingaba uyavelana noNkskz. Gontsi ngemeko akuyo? Xhasa uluvo lwakho. (2)

2.2.7 Bhala iziganeko ezingezantsi ngokulandelelana kwazo ebalini.

A UMfanelo noNonkuthazo bazithengela umzi eMthatha.
B USaziso uhambela kwaNonkuthazo.
C UNomthombo uhambela kwaNonkuthazo.
D UNonkuthazo uhambela kwaNkskz. Gontsi. (4)

2.2.8 Ludidi luni lwedrama olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.9 Xela isenzo sobuntu esinokufundwa kulo mlinganiswa unguMnu. Cingo kulo mdlalo. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C: IMIBONGO

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

## ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA – PN GIDI

## UMBUZO 3

3.1 Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo

**IXESHA NPD Sigenu**

Ngunkqonkqonkqo kuvuk'amadoda.
Ngungongongo kuvuk'izazela.
Ngunk-ri-nk-ri-nk-ri bavumbuluk'abafundi.
Uncincinci yen'uthuthuzel'iintsana.

Kukhal'iinkuku anduluk'amakhwenkwe.
Alandele ooyise singekakhal'isangquphu.
Kuba hay'amadoda ukuxhaphaz'iidyongo.
Angquban'ane**x**hala e**x**hesha ne**x**esha.

Sibinindini sicand'amathafa.
Sisalath'indlela nok'iphindaphindwa .
Unkanishe angcambaze elinde imizuzu.
Anyathele kuhle nemitsi ilinganisiwe.

Ngumhlanguli maxa wambi sekulel'uthuli.
Ingqushu seyafefwa naziimvula.
Idandalaz'inyani idid'amadoda esazi.
Ayezilibel'ubuni kusaxand'ubuxoki.

Ixesha lithambisa nezilonda kogruzulweyo.
Kanti yodula nenyaniso kolahlekisiweyo.
Lakuhamb'ixesha ziyasongwa nezezolo.
Lakuhamb'ixesha kuvele nent'ibingeyiyo.

3.1.1 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.2 Tolika okuthethwa yimbongi kumqolo wesi-3. (2)

3.1.3 Chonga isafobe esikumqolo wesi-4 uze uxele udidi lwaso. (2)

3.1.4 Nika umsebenzi woshiyo sikhamiso kulo mbongo. (1)

3.1.5 Chonga igama elihambelana nesohlwayo esikumqolo wesi-6 kulo mbongo. (1)

3.1.6 Xela isixhobo sesandi esifumaneka kumqolo wesi-8. (1)

3.1.7 Cacisa ukuba ibhekisa kubani imbongi kumqolo we-11 nowe-12. (2)

3.1.8 Nika izizathu zibe ziBINI ezibangela ukuba imbongi ithi ixesha ngumhlanguli kwisitanza sesi-4 nesesi-5. (2)

3.1.9 Xela isixhobo sohlalutyo esifumaneka kumqolo we-19 nowama-20. (2)

3.1.10 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)
**[17]**

**KUNYE**

3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UKWIDABI LOBOMI – MMM Duka.**

1 Ukwidabi lobomi phantsi kwelanga.
2 Yilwa Jonindini! Lide lim'ilanga.
3 Funza! Binza! Ayilolankenenkene eli.
4 Woyise emfazweni, leloloyiso eli.

5 Noba umanxeba, bheka phambili.
6 Intliziyo imajaja, qengqa ugodo.
7 Yomelela uqine, ungazigobh'izidlele.
8 Hlehlela imbekaphambili kuphela.

9 Sele ulutywantsi, zikhothe amanxeba.
10 Mus'ukunikezela ube ngukhaka kaMpethu.
11 Wophila lithemba lona aligwinti.
12 Zuza uloyiso, udle ukubila kwakho.

13 Abalahl'izixhobo, ziintlanzi ezitshelwe ngamanzi.
14 Baphethuke basabe, abahlabi bekhangele.
15 Babazizisulu kwiintshaba, baginywa naziimpukane.
16 Bagcuntswa emiqolo, **bazalwa badla bafa**!

17 Uloyiso lolwakho, kule mfazwe yobomi!
18 Wena khaliphandini woyisa ungekalwi.
19 Ungahlehli amagwala afa engekalwi.
20 Ungasabi ukuphila kunemingeni.
21 I-Afrika siyakha ngaloo mingeni!

3.2.1 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.2 Xela isizathu sokulandelelaniswa kweziyaleli kumqolo wesi-3. Cacisa. (2)

3.2.3 Chaza ukwahluka kumxholo wesitanza sesi-2 kwesesi-3. (2)

3.2.4 Cacisa ukufaneleka kwesikweko esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-13. (2)

3.2.5 Dwelisa zibe NTATHU izinto ethi imbongi zehlela abantu abazilahlayo izixhobo kwisitanza sesi-4. (3)

3.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Ngokusebenzisa ibinzana elibhalwe ngqindilili kumqolo we-16 imbongi igxeka udidi lwabantu :

A abangakhange babenanxa nabanye abantu.
B abangakhange babenagalelo kwabanye abantu.
C abangakhange babenasazela ngabanye abantu.
D abangakhange babenaxesha labanye abantu. (1)

3.2.7 Nguwuphi umntu ozuza uloyiso ngokwemiqolo yowe-17 nowe-18 yalo mbongo? (2)

3.2.8 Xhasa uluvo lokuba i-Afrika siyakha ngemingeni. (2)

3.2.9 Myalezo mni odluliswa yimbongi ngalo mbongo? (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**